USHWANKATHELO LWENGXELO

YoNyaka 2016/2017

IMBULAMBETHE EYENZIWE NGUSIHLALO

Ingxelo yonyaka we-2016/2017 iza kukhunjululwa ngenxa yembalela eye yagqugqisa kulo lonke eloMzantsi Afrika, kuquka inxalenye enkulu yeNtshona Koloni. Ukungabikho kwemvula namadama anamazinga athe gqolo esehla ngendlela exhomis' amehlo, kutsho kufuneke kunikelwe ingqalelo emandla ekulondolozeni ngokuthe ngcembe ukuqukuqela kwamanzi acocekileyo, naphathwayo avela kugcino lwasezintabeni aye kufika kubantu baseNtshona Koloni ukwenzela ukuziphilisa kwabo nezoqoqosho lwayo. Sithetha nje eyona nto isoyikisayo yinto eza kwenzeka kwixesha elizayo ukuba kuqhubeka kungekho mvula yaneleyo namazinga amadama aqhubeke esezantsi ngendlela exhomis' amehlo.

Imbaluleka yokulondoloza nokubuyisela izakhelo zokusingqongileyo (imilambo nemifula, imigxobhozo namacibi) enxulumene namanzi asezintabeni ayinako ukuthandatyuzwa. Amanzi asezintabeni, alawulwa ngabakwa-CapeNature, ami 'njengemizi-mveliso yamanzi', ebonelela ngempahla neenkonzo zendalo ebantwini nakuqoqosho lwale ndawo. Ezi mpahla neenkonzo zendalo zisenokuquka amanzi acocekileyo, aphathekayo umoya ococekileyo, ezokuloba, uthungelwano lwezidalwa kuze ke kuthethelelwe ukulawulwa kwentlekele.

Iinguqu emhlabeni ziqhubeka zichwechwela kulondolozo olubalulekileyo, imithombo yamanzi nemimandla yezolimo, nto leyo ephumela ubukhulu becala ekulahlekeni kwesibonelelo seenkonz zendalo. Xa ilahleko yezinto zemvelo nezendalo ingaqhubeka ngendlela echazwe ngayo ngaphambili, kuya kubakho imifuno embalwa yemveli kunye nezinto eziphilayo, izakhelo zezilwanyana nezityao kunye nesibonelelo senkonzo yendalo yezityalo nezilwanyana zishiywe ngaphandle kwiindawo ezikhuselekileyo malunga nowe-2015; into enjalo ingaxelwa kwangaphambili nangeNtshona Koloni.

Abakwa-CapeNature baye baphumelela ekunabiseni indawo yolondolozo, besongezelela iihectare ezingama-69 338 zomhlaba onegalelo ekukhuseleni nasekulondolozeni imbaluleka yeendawo zendalo ephilayo kunye nezilwanyana nezityalo, ingakumbi ngezivumelwano eziye zenziwa nabanini mihlaba babucala. Oko kuphunyeziweyo kubetha ngaphaya kwezinga eliphantsi lomgomo weminyaka emi-5 kwicebo lokunabisa. Oku kuphunyeziweyo kuye kwanegalelo eliphawulekayo kwimigomo yolondolozo lendawo, kwaye igalelo labanini mihlaba babucala libulelwa ngokungazenzisiyo.

Abakwa-CapeNature baxhase ii-Small Medium & Micro Enterprise (SMME) ezingama-21 phakathi nangokunxulumene nezolondolozo lwendalo, kwaye kuye kwenziwa iikontraka

zengqesho ebeziphakathi kwe-CapeNature nabo bafuna umsebenzi kulo lonke elaseNtshona Koloni. Into ekhuthazayo kukuba abakwa-CapeNature baye bafikelela bada baya kutsho ngaphaya kosukelo lokudala imisebenzi kaRhulumente ngokubonelela ulutsha, amabhinqa nabantu abaneziphene. Oku kuqinisisa indlela abazijonga ngayo izinto abakwa-CapeNature yokuba bahlale bengabathathi-nxaxheba ababalulekileyo ekubeni isiseko sendalo kuqoqosho lwaseNtshona Koloni.

Ukuphaphama nobukho obuqhubekayo babakwa-CapeNature kwezobume bomhlaba kukhokelele ekubeni kutshutshiswe izaphuli-mthetho zezendalo, kwaye abasebenzi baye banegalelo ngokuphumelelayo kwinkqubo yokubek' esweni ukuthobela kokubini kwimimandla yezidalwa eziphilayo nezonxweme ngamaqabane amisela umthetho kwizinga lasekuhlaleni, ezephondo nazikwazawelonke.

Le ngxelo yonyaka ibhalisa oko kuphunyeziweyo nempumelelo yabasebenzi abasathe gqolo bezilahlela nofele yaye bejolise kundoqo weshishini wabakwa-CapeNature leyo yokuba kulondolozwe kuze kubuyiselwek ezo zilwanyana nezityalo, kubonelelwe iimpahla ezibalulekileyo zezilwanyana nezityalod neenkonzo kubantu ngokuxhasa impilo yabo nokulondoloza uqoqosho lwengingqi. Kuyavunywa ukuba kukho imingeni abaye bajongana nayo abakwa-CapeNature nabasebenzi balapho ngokuya kuncipha kwemithombo kwabe kusanda imeko yokusebenza enzima ngendlela eyandayo.

Maz' enethelo kobengaphambi kwam, uNjinga. Gavin Maneveldt ngokulawula kakuhle izinto ebudeni bexesha lakhe njengoSihlalo weBhodi kwakunye namanye amalungu eBhodi.

Nks Merle McOmbring-Hodges
USihlalo weBhodi yezoLondolozo lweNdalo eNtshona Koloni
CapeNature

AMAGQABANTSHINTSHI EGOSA ELIYINTLOKO KWISIGQEBA

AMAGQABANTSHINTSHI

Ebudeni beli xesha liphengululwayo abe-CapeNature baye bajolisa ekuqiniseni ubume bezolawulo ngokuba bahlole ngokutsha imigaqo-nkqubo, neenkqubo. I-Government Technical Advisory Centre (GTAC), iye yachongwa ukuze iqhube uphendlo lwenkampani lweli ziko ize ibe yiyo ekhokela inkqubo yokuphuhliswa kwale nkampani. INqanaba 1 liye lagqitywa kwaye liza kusetyenziswa kunyaka oqala ukuze kuphuculwe indlela yokusebenza nokuyivisisanisa nenkampani.

Ukuqinisekisa ukuba abasebenzi basempilweni, kuye kwazinziswa i-Medical Surveillance IsiCwangciso ngemvume ye-Medical Surveillance Policy ngo-Oktobha 2016. Esi sicwangciso sisebenza kubo bonke abasebenzi kwaye sinegalelo ekubeni abasebenzi bafezekise uxanduva lwabo lokuzinyamekela kwakunye namaqabane abasebenza nawo emsebenzini. Ngokusebenzisa esi sicwangciso, bonke abasebenzi banikwa ithuba lokujongana nempilo yabo nempilo-ntle yabo baze bafumane izincomelo zezamayeza ngendlela abangaphucula ngayo.

Abe-CapeNature baye baphumelela iimbasa ezimbini kwiminyhadala yaminyaka le ye-Mail & Guardian Greening the Future. Isicwangciso se-CapeNature's Biodiversity Stewardship siye saphumelela kuluhlu lwe-Biodiversity Stewardship – imbasa ethweswa abahlali, iinkmapni, imibutho kunye/okanye abantu abanyamekela indalo. I-Conservation Detection Dog (CDD) Project iphumelele uluhlu lwe-Species Conservation ngeprojekthi yayo ekusebenziseni i-CDDs ukunceda ngohlolo lobalo lwamafudo. Ebudeni bonyaka 2016/2017 iqela labe-CapeNature lolondolozo elihlola ulondolozo liye lazalisa indima ebalulekileyo yokuqokelela inkcazelo echanileyo ngolu hlobo lwesilwanyana esisengozini ngendlela engaginyisi mathe kwakunye nendawo sihlala.

UHLOLO LWEZIMALI ZEZIKO LIKARHULUMENTE JIKELELE

Isimbuku semali eyenziweyo ibe yi-R328 million. ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso [Department of Environmental Affairs and Development Planning (DEA&DP)] labele isixa mali sesigidi ezi-R 250 million kwi-CapeNature, ngoxa izimali eziseleyo ziye zenziwa zivela kwabanye abaxhasi ngemali nakwimithombo evela kwingeniso elizenzele ngokwalo.

Ingeniso eyenziwe kwimithombo yangaphakathi efana nokhenketho, iilayisenisi neemvume kwakunye nenzala efunyenweyo, ukratya kulindelo. Indlela oluye lwahamba ngayo uhlahlo lwabiwo mali eye yafikelelwa ngenxa yezokhenketho singathi ibangelwe kukuphuculwa nomsebenzi wokulondoloza iindawo ekuhlalwa kuzo, ukwamkela iziganeko zolinga izinto ngokuphuma apha ngaphakathi, ukuthengiswa kwee-Wild Card, iimali zokungena ezihlawulwayo, kwakunye neemali ezifunyenwe ngenxa yeefilimu. Ebudeni bonyaka wengxelo, ingeniso evele kwimisebenzi yokhenkhetho lwezendalo ibinyuka ngokuphawulekayo nyaka nonyaka iminyaka emithathu ilandelelana. Ukwakhiwa nokuhlaziywa kweendawo zokukhenketha indalo yezilwanyana nezityalo kwakunye nokusebenzisa inkqubo entsha yokubhukisa ziye zaba nempumelelo enkulu.

Ngenxa yenkoliso yemisebenzi yokhenketho ebhatalwa ngemali okanye ngediphozithi, eli ziko alinayo incwadi yamatyala xa kuthelekiswa nengeniso eliyenzileyo. Abanamatyala balinganiselwa kwizigidi ezi-R6, apho izigidi ezi-R5 zimela abanamatyala angaphantsi kweentsuku ezingama-30. Eli ziko liye lasebenzisa imilinganiselo ethile ukufumana imali engekahlawulwa.

IMIKHWA YENKCITHO YEZIKO LIKARHULUMENTE

Uhlengahlengiso kwicandelo lengeniso lwe-Medium Term Expenditure Framework (MTEF), liphumele ekubeni abe-CapeNature bomeleze indlela esebenza ngayo imithombo yengeniso yabo ngokwayamene nokufumana imali kwimithombo ekhoyo kwakunye nokusetyenziswa kwemilinganiselo yokonga.

Inkcitho iyonke yeli ziko ibingaphantsi kwebhajethi yezigidi ezi-R13. Ukulibaziseko obekungalindelekanga kophuhliso lwe-Kogelberg Nature Reserve Phase 2 kuye kwanegalelo ekuchitheni imali engaphantsi ngezigidi ezi-R3. Eli ziko liye lazibophelela ekubeni le ichithwe kunyaka-mali omtsha xa apho kulindelwe ukuba le projekthi iqale.

Imingeni yokusebenza eye yafunyanwa ngokuphathelele ekugeceni izityalo ezingabaphambukeli, kuphumele ekubeni izigidi ezi-R4.8 zingachithwa.

Kuye kongiwa imali kwinethiwekhi yoCwephesha bezoLwazi neendleko zeengcali, njengenxaleye yemilinganiselo yokunciphisa iindleko nokutyhalela phambili ubugcisa. Isivumelwano esenziwe neziko le-Western Cape Provincial Training sivelise ukonga okungakumbi.

UKUSIKELWA UMDA KWISAKHONO NEMINGENI EJAMELENE NEZIKO LIKARHULUMENTE

Usebenzo nokukhula kwabe-CapeNature kwezabasebenzi libekwe iliso njengoko amaziko okusebenza engasenako ukulondolozwa ngenxa yokuncipha kwezakhono ebudeni be-MTEF. Ngenxa yoko, ukuzinziswa kweembopheleleko zobuqu, kunye nokukhula okufunekayo kwinxaso mali yokusebenza, oku kuhlala kuxhalabisa. Ngenxa yobuncwane obulinganiselweyo, iziko ubukhulu becala lijolise kakhlu kwizibonisi zecandelo kunye neenjongo zikazwelonke.

IMISEBENZI EYEKISIIWEYO / IMISEBENZI EMELE IYEKISWE

Asikho kwizicwangciso zabe-CapeNature eziye zayekiswa ebudeni beli xesha liphengululwayo ekubeni yonke ibifuneka, ithungelana kwaye yayanyaniswe kokubini kuzwelonke nakwizinto eziza kuqala zephondo. Ngaphezu koko, xa kujongwa imbaluleka yokuxhasa imisebenzi enoxanduva lokuqinisekisa ulawulo, ukuthobela nokuzinza kwengeniso yangaphakathi, akukho ziyunithi eziye zayekiswa azaqhubeka.

Ngenxa yokushokoxeka kohlahlo lwabiwo mali, eli ziko alikwazanga ukufakela ukunyuswa okusisiseko kwazo zonke izicwangciso.

IMISEBENZI EMITSHA OKANYE ECETYWAYO

Akukho misebenzi mitsha eye yenziwa.

ULAWULO LWESIBONELELO SENTENGISO

Zonke izicelo ezingacelwanga zokufaka ibhidi ezicetywayo zonyaka ophengululwayo

Akukho zibhidi ezingacelwanga eziye zafunyanwa kunyaka ophengululwayo.

Enoba inkqubo ye-Supply Chain Management (SCM) imi ngobume kusini na

Eli ziko liye lagcina iinkqubo ze-Supply Chain Management.

Imingeni eye yafunyanwa nendlela eza kuconjululwa ngayo

Ukusetyenziswa kwentsha i-Preferential Procurement Regulations, 2017 (PPPFA) kumela imingeni kulo olu fako. Iziko lisebenzi namagosa afanelekayo phakthi kunoNdyebo wePhondo ekusebenziseni imimiselo.

Ingxelo yohlolo zincwadi ibalulekile kunyaka odlulileyo kwanendlela emele isingathwe ngayo

Bekungekho zentengo ezinokuthanani nonyaka odlulileyo.

Imbonakalo / iiPlani zekamva zokusingatha imingeni yezimali

Ukuqinisekisa imikhwa yolawulo lwezimali, abe-CapeNature baza kuqhubeka besebenzisa imilinganiselo engqongqo yokulawula, equka ukuqhuba uhlolo lwezimali lwanyanga le ukuze kubekwe esweni indlela izimali ezisebenza ngayo.

Iziganeko zasemva komhla wengxelo

INtshona Koloni iye yafumana eyona mililo yakha yamibi kwimbali ebhaliweyo yamaZantsi ekapa ngoJuni 2017. Loo mmandla uye wachazwa njengowentlekele Knysna nePlettenberg Bay nemimandla eyingqongileyo echaphazelekayo. Abe-CapeNature baye balahlekelwa zizakhelo ezinabileyo ezixabiso lazo elingaziwayo njengokuba sithetha.

Isaziso secandelo 3 siye sakhutsha egameni le-CapeNature sokuba kuzakubakho amabango emililo eHottentots Holland Nature Reserve. Esi siganeko senzeke kwiinyanga ezintandathu ngaphambi kwalo mhla kwaye uphando luyaqhubeka. Akukho xabio lelahleko eliye lafunyaniswa kweli zinga.

Isaziso secandelo 3 siye sakhutsha egameni le-CapeNature sokuba kuzakubakho amabango emililo eHottentots Holland Nature Reserve. Esi siganeko senzeke kwiinyanga ezintandathu ngaphambi kwalo mhla kwaye uphando luyaqhubeka.

UKUPHUMELELA KWEZOQOQOSHO

Abe-CapeNature bayaqhubeka bezabalaza phantsi kokushokoxeka kobuncwane kwaye, nango bechatshazelwa ziingcinezelo zezimali, imilinganiselo emininzi iye yasetyenziswa ukuthethelela okufanayo. Eli ziko liqhubeka lisebenzisa imilinganiselo engqongqo eye yachazwa kwangaphambili ngunoNdyebo kaZwelonke, ngoxa sisazibophelele ekuqhubekeni sifak' isandla ekuzinzeni kokukhula nokudala amathuba emisebenzi kwiphondo.

Eli ziko lizabalazela ukuqhelisela imigaqo eyamkelekileyo yezimali ehambisana nazo zonke izinto ezifunekayo zowiso-mthetho.

IMIBULELO OKANYE UXABISO

Ndibamba ngazibini, ngokhokelo olufunyenwe kwiBhodi yoLondolozo Lwendalo yaseNtshona Koloni, usiHlalo wangaphambili, uNjingalwazi Gavin Maneveldt, usiHlalo okho uMs Merle McOmbring-Hodges, nakwiiKomiti zeBhodi ezahlukeneyo.

Ndingathanda ukubululela kwakhona uMphathiswa kaRhulumente kaMasipala, imiCimbi yeNdalo esiNgqongileyo noPhuhliso, uAnton Bredell, iKomiti eMileyo yeDEA&DP ngezincomelo zayo nokhuthazo.

Kwakhona inxaso iye yafumaneka ngokukhawuleza kwamanye amasebe, kokubini kuzwelonke nakwiphondo. Kwakhona ndiyabulela kwi-DEA&DP ngenxaso eiqhubekayo nexabisekayo.

Umbulelo wam wokugqibela uya kubo bonke aasebenzi be-CapeNature ngomsebenzi wabo onzima nokuzinikea ebudeni beli xesha lihlolwayo.

Dr Razeena Omar
LIGOSA ELIPHETHEYO
CapeNature

USHWANKATHELO LOMSEBENZI

Ezololawulo nokuPhatha



Inkxaso yezeNdalo



CapeNature



ULawulo loLondolozo



EzeNtengiso noKhenketho lweNdalo



USHWANKATHELO LWEZIMALI

Uhlolo lwezimali olungenamakhwiniba lwesine ngokulandelelana

Ulwando lwe-12% kwingeniso yezokhenketho

Impahla yotyalo mali lwe-R22m

IZITATIMENTE ZEZIMALI EZIVALEKILEYO*

IZITATIMENTE ZEZIMALI ZOKUSEBENZA KWEZIMALI

	2017	2016
	R'000	
Ingeniso Yotshintsho Lwezimai	47 365	40 542
Ingeniso Yokudluliselwa	280 605	288 882
Ingeniso Iyonke	**327 970**	**329 424**
Iindleko Zabasebenzi	185 589	172 902
Ezinye iinkcitho	125 890	111 103
Inkcitho iyonke	**311 479**	**284 005**
Ukratya Wokusebenza	**16 491**	**45 419**

ISIHLOKO ESIFUNDWAYO SENKQUBO YEMALI

Impahla Ekhoyo	133 313	120 789
Impahla engabalulekanga	130 219	119 068
Impahla iyonke	**263 532**	**239 857**
Amatyala akhoyo	49 187	37 461
Amatyala angangeweli xesha	49 301	54 567
Amatyala ewonke	**98 488**	**92 028**
Impahla xa iyonke	**165 044**	**147 829**

**Ukwenzela isitatimente esipheleleyo nced ubhekisele kwingxelo yethu engafumaneka kwiwebhusayithi yethu (www.capenature.co.za)*